UBHALO LWEZINCOKO NEMIHLATHANA

IRUBHRIKHI YE – NCS

| | | |
|---|---|---|
| AMANQAKU: | IZINCOKO | [50] |
| | IMIHLATHANA EMIDE | [30] |
| | IMIHLATHANA EMIFUTSHANE | [20] |

Qaphela:

Xa unika amanqaku umfundi, kufanele ukuba, onika amanqaku aqiniseke ukuba usebenzise i-gridi yokunika amanqaku eyamkelekileyo.

1. Makabonakalise ukucwangcisa, ukufundisisa nokulungisa isincoko okanye umhlathana lowo awubhalileyo.

2. Makaqaphele ukuba uwubambile umxholo ukuze aphumeze injongo yobhalo olo.

3. Ulwimi,upelo neziphumlisi.

4. Ukusetyenziswa kolwimi, noluvelela ulwimi kwiinkalo ezahlukeneyo.

5. Ukuchongwa kwegama, nokunongwa kolwimi ngezafobe, izaci namaqhalo.

6. Ukwakhiwa kwezivakalisi.

7. Ukwahlulwa kwemihlathi – ukunxibelelana kwezivakalisi.

8. Ulwimi olubhekisele kwinjongo ethile nemvakalozwi.

9. Ukutolikwa kwesihloko okuza kuvezwa ngumxholo ngokubanzi, intshayelelo, isiphelo kunye nokuvela kwezimvo.

**INGCEBISO NGOKUNIKWA KWAMANQAKU**

1. Funda sonke isincoko okanye umhlathana uze uthathe isigqibo ngomxholo lowo.

2. Phinda ufunde isincoko wenze isigqibo ngenqaku emalinikwe ngolwimi olululo.

3. Apho kuhlangana iindidi ezimbini zokunikwa kwamanqaku, fakela inqaku lesincoko okanye umhlathana kolo luhlu.

   **Umzekelo**

   - Isincoko sifundwa ngokupheleleyo ze sonelise kwinqanaba eli "Balaseleyo" phantsi ko "Mxholo" apho amanqaku adibana khona kwigridi.
   - Ufundo lwesibini lubonisa ukuba ulwimi alonelisi ngokwakwinqanaba eliBalaseleyo. Isincoko kodwa sona sinelisa ngokwakwinqanaba elifanelekileyo kwigridi.
   - Apho kudibana inqanaba eliBalaseleyo neLanelisayo kwigridi kuza kubakho amanqaku aphakathi ko 33-37 kwangama -50.
   - Inqaku elipheleleyo lilonke lesincoko lifunyanwa apha kolu luhlu.

**AMANQAKU EWONKE: 100**